Ngqalelo: Ubunjineli Yobugcisa Nokwakha obuPhambili Kubafundi

Gqi beliswa: Ngomhla we-19 eyoMsintsi 2018

Ngu: Prof. H.E. Jacobs

Imibuzo Ehlala ibuzwa Rhoqo (IER)

IMIBA EPHELELEYO KUNYE NEMINGQALISELO YOSUKU

Ngubani omele afunde lemibuzo ehlala ibuzwa rhoqo (IER) kunye neempendulo kule mibuzo?

Lemibuzo ehlala ibuzwa rhoqo (IER) kunye neempendulo kule mibuzo zijoliswe kubafundi abaye bafaka izicelo zofunda Ubunjineli Yobugcisa Nokwakha kwi-Univesithi yaseStellenbosch kwaye bamkelwe ngokukhawuleza ukuba baqale izifundo eUnivesithi yaseStellenbosch ekuqaleni kuka-2019. Abazali, abagcini kunye nababonelela ngebhasari yabafundi abaza kuba nabo, banokuba nomdla wokufunda le mibuzo ehlala ibuzwa rhoqo (IER).

Ndingaqhakamishelana njani neSebe lezoBunjineli?

Unokusityelela kwiSebe Lobunjineli Yobugcisa Nokwakha okanye usithumelele umbuzo kwi-intanethi, ne-imeyili okanye utsale umnxeba:

http://civeng.sun.ac.za/contact/

Ngaphandle kwe-intanethi ungasithumela i-Whatsapp kwinombolo yesebe ukuba unemibuzo enxulumene nokwamkelwa:

082 460 5719

Sifake iqela lokusasaza kwi-WhatsApp kubo bonke abafundi abavunyelwe ngokukhawuleza. Ukuba unqwenela ukubayinxalenye yeqela, qiniseka ukuba ufaka inombolo yomnxeba wesebe kumnxeba wakho, kwaye usithumelele i-WhatsApp enesicatshulwa esithi “nceda undifake kwiqela lika WhatsApp losasazo lobunjineli.”

Ungasilandela kwikhasi le-Facebook yobunjineli:

https://www.facebook.com/CivilEngineeringStellenboschUniversity/

Ziziphi indleko endizokuyihlawula ngokufunda ngezobunjineli?

Okwethutyana ngo 2019 ukufunda ngentlawulo yiya kwi:

https://web-apps.sun.ac.za/student-fees-estimate/#/home

Izakuvulwa nini iyunivesithi ngo-2019?

Iziphumo zakho zamatriki zigqitywa ngasekupheleni kwenyanga Yomnga, ngoko abafundi bangaba nemibuzo ephathelele ukwamkelwa kwixesha leeholide. iOfisi yesebe yezobunjineli izakuvula kwakhona ngomhla we-7 eyoMqungu 2019. u-Mrs Alet De Waal-Louw uya kufumaneka kwisebe lezobuNjineli Yobugcisa Nokwakha ukuze ancede kuyo nayiphi na imibuzo emva kolu suku:

http://civeng.sun.ac.za/contact/

Kufuneka ndifike nini kwi-campus ukuba ndifunde xa ndikhethe Ubunjineli Yobugcisa Nokwakha eUnivesithi yaseStellenbosch?

Imihla ebalulekileyo yokuqala konyaka wezifundo ka-2019 ibandakanya:

- 22 eyoMqungu: Ukuqalisa inkqubo yokwamkela abafundi bamazwe ngamazwe.
- 25 eyoMqungu: Ukwamkelwa kwabafundi abatsha bonyaka wokuqala kunye nabazali babo.

- 4 eyoMdumba: Ukuqala kweeklasi, kwiKota yokuqala.
- 20 eyoKwindla: Usuku lokugqibela lweeklasi kwiKota yokuqala.
- Ikhefu leyunivesithi (iholide): 21-31 eyoKwindla.

Ukuba wamkelwe kwenye yeendawo zokuhlala zase yunivesithi uza kunikwa umhla wokufika wabafundi bonyaka wokuqala. Tshekisha ngendawo yokuhlala, ngubani oza kuthethana kakuhle nabafundi babo .

UKWAMKELWA KUNYE NEMISEBENZI

Bangaphi abaviwa abafaka isicelo sokufunda ubuNjineli Yobugcisa Nokwakha eStellenbosch? Bangaphi abamkelwayo?

Inani labafaki-zicelo ngokugqithisileyo lidlula inani leendawo ezikhoyo ngonyaka ngamnye ukuvumela abanye ekugqibeleni banqumle ukungabhalisi kwinjineli yobugcisa nokwakha. Kuphela ngabaviwa abagqwesileyo abamkelekayo kumda ophezulu, njengoko kunqunywe zixhobo ezikhoyo. Singxininisa ekubeni samkele abaviwa abagqwesileyo – abakumgangatho ophezulu kunobuninzi. Ngo-2018 kwakukho abafundi abatsha abayi-170 abaqalisa izifundo zobunjineli yobugcisa nokwakha.

Iziphumo zam zamatriki ziyakuthintela njani ukwamkelwa kwam kwexeshana?

Iziphumo zakho zamatriki zisetyenziswa ekubaleni amanqaku okugqibela okungena kwinkqubo ye B.Eng. Ekugqibeleni uyakukwazi ukuba zeziphi iinkqubo zeYunivesithi owamkelwe kuzo emva kokhutshwa kweziphumo zokugqibela zamatriki. Kufuneka ube nako ukubala amanqaku akho kwaye ubone ukuba uya kwamkelwa ngokuqinisekileyo.

Amanqaku akhethiweyo abalwa ngolu hlobo lulandelayo:

Amanqaku okukhetha = Uphawu Lwezibalo (%) + Uphawu kwezeSayensi (%) + (6 x Umlinganiselo % Uphawu)

Amanqaku amancinane okukhethwa kwinjineli yobugcisa nokwakha okwangoku ngaMkhulu aneShumi (610), kodwa kufuneka ufumane ubuncinci obungange 75% Kwizibalo kunye no 65% kwezeSayensi. Inani elincinane labafaki zicelo abangazange bakhethwe kwinkqubo ye-BEng lizakuqwalaselwa ngokungeniswa kwinkqubo yesidanga eyongezelelweyo (EDP). Ukwamkelwa kwe EDP kunye neemfuno zokukhetha zahlukile apha ngasentla.

Ndamkelwe okwexeshana kwinjineli yobugcisa nokwakha. Ukuba iziphumo zam zamatriki ziyafana okanye zingcono kuneziphumo zam zebanga lesi-11 ezisetyenziswa ukubala ukwamkelwa kwam kwexeshana, ngaba ndiqinisekile ukuba ndiyakwamkelwa ekufundeni ubunjineli yobugcisa nokwakha?

Ewe. Ukuba awuqinisekanga okanye awufumananga nxibelelwano malunga nalo mbandela, nceda uqhagamshelane neSebe ngqo.

Ukuba iziphumo zam zamatriki ziphantsi kuneempawu ezisetyenziselwa ukubala ukwamkelwa kwam kwexeshana, ngaba ndizokulahlekelwa kunkwamkelwa lokufunda ubunjineli yobugcisa nokwakha?

Hayi. Ukuba iziphumo zakho zamatriki zingaphantsi kweempawu zakho zebanga lesi-11, uya kuwela kwindawo engenasiqinisekiso, kodwa awuyi kulahlekelwa kukwamkelwa. Abaviwa baqwalaselwa ukuba bangene kwinkqubo kwi sebe lobunjineli kunye nolawulo lweSebe likaRhulumente. Ukungena kwababantu baxhomekeke kwinani labafaki zicelo abaye bafumana ukungena ngamanqaku angaphezu kwamanqaku afanelekileyo, ngoko ugcwalisa inani leendawo ezikhoyo. Iqela elitsha liza kuzaliswa ngamagama engeziweyo ukuze zonke izithuba ezikhoyo zizaliswe.

Ndifake izicelo kwiinkqubo ezahlukeneyo (umzekelo; Ubunzululwazi beKhompyutha, Unyango, Ubunjineli), okanye kwiinkqubo ezahlukeneyo kwisebe laseStellenbosch Yobunjineli (umzekelo; Yobugcisa nokwakha, Oomatshini, Umbane, Inkqubo, Ezoshishino), okanye mhlawumbi kwiiYunivesithi ezahlukeneyo

Ndingazazi kanjani ukuba ndamkelwe kweziphi ii-Course – kwaye kufuneka ndibhalise ukuba ngaba ndikhetha ngaphezulu?

iSebe lezobunjineli yobugcisa nokwakha linoluhlu lwamagama abafundi bexeshana lokuqala bonyaka abaye bamkelwe kwinjineli yobugcisa nokwakha ngo 2019. Siyakwazi ukuqinisekisa isimo sakho. Ungaqhakamshelana neSebe lezobunjineli yobugcisa nokwakha ukuba awuqinisekanga.

Isebe lezoBunjineli yobugcisa nokwakha alukwazi ukufikelela kwiinkcukacha zokwamkela okwethutyana kwamanye amaziko okanye amanye amaSebe, kodwa siyakuvuyela ukukunceda nayiphi na imibuzo malunga nenjineli yobugcisa nokwakha. Singathanda ukuba ubhalise kwiNjineli yobugcisa nokwakha kwaye sinethemba lokukubona kunyaka ozayo.

Xa sele ndikhethile inkqubo yobuNjineli (umzekelo; Yobugcisa nokwakha, OoMatshini, Umbane, Inkqubo, Ezoshishino), ndingatshintshela kwenye inkqubo?

Ewe. Kulula ukutshintsha phakathi kweenkqubo kwisiqingatha sokuqala kwisebe lezobunjineli base-Stellenbosch. Iziphumo zakho zematriki kufuneka ukuba zilungele ukwamkelwa kwinkqubo entsha ekhethiweyo. Ukutshintshwa kwezifundo emva konyaka wokuqala kunokwenzeka kodwa kuya kufuneka uzalise izifundo zonyaka wokuqala oziphosileyo kulenkqubo entsha (oku kuxhomekeke kwinkqubo oye watshintshela kuyo).

Ngokubhekiselele ekutshintsheni phakathi kwee Yunivesithi emva kokubhalisa, oku kuya kwenzeka kodwa kuba nzima ngakumbi ukuba uqhubele phambili nenkqubo ukususela kunyaka wokuqala ukuya kunyaka wesine. Uninzi lwabafundi abaye batshintsha ukusuka kwamanye amaziko ukuya kwiYunivesithi yaseStellenbosch batshintshe emva konyaka wokuqala okanye ngonyaka wesibini. Ukuba ufuna ukwenza njalo, qiniseka ukuba zonke iimodyuli zonyaka wokuqala uzigqibile phambi komtshintsho.

Ngaba ndinga qashwa njengobuNjineli bezobugcisa baseMzantsi kwaye ndingasebenza ngaphesheya?

Ewe. Kwiinkalo zombhini. Abafundi bethu bahlonishwa kakhulu ngamafemu zobunjineli kwaye bafumana umsebenzi ngaphambi kokuba bagqibe, okanye kungekudala emva kokugqiba. Ingxelo efanelekileyo yokufunda izokubeka kwindawo enamandla, kodwa ukuba ingxelo yakho yokufunda imbhi iyakuwonakalisa amathuba akho.

Inani labafundi bethu bafumana umsebenzi ngaphesheya, ngakumbi emva kokubhaliswa kunye neBhunga loBunjineli baseMzantsi Afrika (ECSA) njengengcali zezobugcisa.

Funda ngakumbi apha, kwakhona ukuba ubone uludwe lweempawu zezinye izizwe:

https://www.ecsa.co.za/SitePages/WashingtonAccord.aspx

Ngaba ndingakwazi ukuqhubela phambili kunye neeprogramme zezifundo zaphesheya emva kokugqiba?

Ewe. Inani labafundi bethu liye laqhubela phambili ngokukhawuleza emva kokuthwala izidanga (Ootitshala kunye NooGqirha) phesheya, kuquka amziko aphakamileyo kakhulu e-UK, Yurophu, Canada, etc.

Lawuba yintoni ikhondo lam lomsebenzi ukuba ndiphumelele ngesidanga soBunjineli?

Kuxhomekeke kuwe. Inketho eqhelekileyo yengqesho yoBunjineli yobugcisa nokwakha iquka ukubonisana namafemu, Iifemu zokuthengisa kunye neendawo zokulawula, abo balawula iimali ezinkulu zokuxhasa iiProjekthi zokwenza umsebenzi. Ngokubanzi abaqeshi bequmrhu basoloko besebenza kwiiProject zeeMali ezinkulu.

Eyona nto ibalulekileyo kwinketho yoBunjineli yoLuntu ngamacandelo amaninzi omsebenzi ongakhetha kuwo. Unokusebenza kwi projekthi ezincinci okanye iiprojekthi ezinkulu; ezangaphakathi okanye ezangaphandle; nokusebenza iiyure ezichanekileyo okanye eziguquguqukayo; unokuhamba kakhulu okanye ukhethe ukusebenza kwi inthaneti ekhaya; unokubhala ingxelo usebenzisa I-software, iteknoloji yokucoca ngobuhlakani, kunye ne drones ezindizayo njengenxalenyhe yomsebenzi wethu. Abafundi bethu abadlulileyo baye bafumana ingqesho, kwicandelo lemali kunye neBanki, ukuthumela kwamanye amazwe, nakwiSebe le inshorense, abaphathi abaphezulu, ukuphuhlisa i-software kunye nenkqubo ye khompyutha, uphuhliso lwezakhiwo kunye nezinto zokusebenza. Abanye bafumana imisebenzi njengezifundiswa kunye nabaphandi.

Kutshanje siqaphele inqubela kooSomashishini, abavumi kunye nabanemibono ukuba bathathe izigqibo baqalise amalungiselelo amancinci ekuvuleni ezabo inkampani okanye amashishini amancinci. I-University yaseStellenbosch ikhuthaza oku kwaye kukhokela kwimveliso yemisebenzi. i-“Launch Lab” yaseunivesithi isungulwe kakuhle kwaye ineziganeko ezininzi zokuphumelela, yenzelwe le njongo. Njengeinjineli yobugcisa nokwakha ungaphila iphupho lwakho.

Yintoni I LaunchLab?

I-LaunchLab ikumgama wemizuzu emithathu ukusuka kwisakhiwo seNjineli Yobugcisa nokwakha kwaye iququzelela ukudibanisa okuxabisekileyo phakathi kokuqala kweenkampani. Linqanaba elikhulu labafundi abanengcamango ezintsha kunye namphupha amakhulu okuqala ishishini elikhulu.

https://launchlab.co.za/

EZEMFUNDO

Uthini umgaqo wolwimi kwi-Yunivesithi kwaye uphunyezwa njani kwiSebe leNjineli Yobugcisa nokwakha?

Umgaqo – ngqubo wezilwimi kunye nesicwangciso sokuqhawulwa kwezinto uyafumaneka:

http://www.sun.ac.za/afrikaans/faculty/eng/language

Zonke inkqubo ziyafikeleleka kubafundi abafunde ngesi-Bhulu okanye ngesi-Ngesi esikolweni. Umnikelo wolwimi wonke ngokubanzi nje ngoku landelayo: iiModyuli zonyaka wokuqala kunye ne semester yokuqala yonyaka wesibini, kunye nezimbalwa izifundo zinikelwa ngesiNgesi nangesiBhulu (iiseshoni ezifanayo kwiqela le klassi ezahlukeneyo); kwezinye iiModyuli zezifundo isingesi siyahlohlwa, kunye nokutolika ngokufanayo kwisiBhulu ku nyaka wesibini kunye noshwankathelo lwesi-Bhulu ku nyaka weisthathu.

Zonke iimvavanyo kunye neemviwo zoviwo zifumaneka kwisiNgesi nesiBhulu kwaye abafundi bakhululekile ukubhala naliphi na iphepha okanye isabelo kwisiNgesi okanye ngesiBhulu.

Zonke inkqubo ze-postgraduate zinikezelwa ngesiNgesi.

Ndingakwazi ukumelala neYunivesithi nangona ndingaluqondi ulwimi lwesiBhulu?

Ewe. Inani labafundi kwinkqubo yobunjineli libandakanya nabafundi bamazwe ngamazwe abangaluqondiyo ulwimi lwesiBhulu.

Loluphi ulwimi olusetyenziswa kwiincwadi zezifundo kunye namanqaku eklasi?

Zonke iincwadi zezifundo ezisetyenziswe kuyo yonke iminyaka zipapashwa ngesiNgesi. Nangona kunjalo, kwezinye imodyuli uza kufumana amanqaku ongezelelweyo, okanye iZilayidi ze-PowerPoint, ezifumaneka ngesiNgesi nangesiBhulu.

Loluphi ulwimi endingathumela ngalo izabelo kunye neengxelo zeprojekthi?

Umfundi unokukhetha ukusebenzisa isiNgesi okanye isiBhulu.

Ndigathanda ukwazi iintlanga eziqhelekileyo zabafundi eklasini, kodwa kunzima ukufumana ulwazi oluthembekileyo naphi na?

Iingxelo zabafundi eklasini ziyahlukahluka ngokukodwa ukususela unyaka ngonyaka kunye neqela ukuya kwiqela. Umzekelo uthathwe kwi-modyuli yezobunjineli yonyaka wesi-3 ngo 2018 ukuze ufumane ingqiqo. Khumbula ukuba abafundi bakhetha ulwimi lwasekhaya kuluhlu xa bebhalisa kunyaka, nangona abaninzi bakhetha isiNgesi okanye isiBhulu nangona banokuthi bathethe ulwimi oluthile lwasekhaya. Kwiqela elithile ngo-2018 umxube wolwimi lwasekhaya kwiqela elithile 2018 babexube iilwmi (kunye nawo onke amaqela enkcubeko afakwe) bekunjalo: 50% isiBhulu, 35% isiNgesi, kwaye 15% enye . Kwiminyaka embalwa edlulileyo imodyuli efanayo yayinabafundi abangu 10% baseJamani, ngelixa elinye iqela lonyaka laliquka phantse i-10% yabafundi base-Zimbabwe. Qiniseka ukuba iqela lakho lokuqala lonyaka liya kuba lelikhethekileyo kwaye libekekile.

Loluphi ulwimi endingalusebenzisa xa ndithetha nomfundisi?

Abafundi ngabanye banxulumana neentetho ngokwemvelo ngolwimi apho baziva bekhululekile, xa bengaphandle kwendawo yokufundela esemgangathweni. Bonke abasebenzi bezemfundo kumasebe ethu bathetha ngesiNgesi,

ngelixa abanye abantu bekwazi ukuthetha ulwimi olongezelelweyo. Malunga ne -90% yabasebenzi bezemfundo kwiSebe lethu liqhelekile ngesiBhulu.

IsiBhulu sisetyenziswe ngokubanzi kwiingxoxo ezizimeleyo phakathi kwabafundi besiBhulu kunye nabo baqeqeshi abakhululekileyo ngesiBhulu, umzekelo kwizifundo zokufundisa, ingxoxo engafanelekanga emva kweklasi kunye nakwi zenzo. Ungakhetha ukuthetha isiBhulu kuphela xa wenza iiprojekthi zabafundi ngamnye njengegxelo yakho yokugqibela yonyaka, xa unemihlangano nganye yobuso ngobuso. Abafundi besiBhulu bonyaka wokugqibela bahlala bebonisa iimviwo zabo zomlomo zonyaka ophelileyo ngesiBhulu.

Ngaba kuzokufuneka ibhodi yokuzoba?

Ewe iyafuneka, kodwa iYunivesithi inesimo apho ungayifumana ibhodi yokuzoba emva kokuba wamkelwe – iyathunyelwa kwiziko. Ngokuqinisekileyo uzakufundiswa ukuzoba kwi-3D CAD, kodwa okwangoku iibhodi zokuzoba zisasetyenziselwa ukufundisa iingcamango ezithile.

Ngaba ndiya kufuneka ndithenge iincwadi zezifundo

Ewe. Zonke iincwadi zezifundo ezimiselweyo zifunwa ngaxesha nye ngeveki yokwaziswa.

Ngaba ndiza kufuneka ndize neyam i-laptop, ithebhulethi okanye ikhompyutha?

Hayi. Zonke iiKhompyutha kunye nezixhobo ezinxulumene nezifana nabashicileli, iizikripthi kunye neemveliso zeSofthiwe onokuzifuna zifumaneka kwiLebhu yekhompyutha. Igumbi lekhompyuta le-FIRGA linikeza ukufikelela kubafundi bezobunjineli qha. Funda ngakumbi:

http://rga.sun.ac.za/firga/

UBOMI BEKHAMPASI

Ndiyifumana njani indawo yokuhlala?

Inkqubo yokufaka izicelo zokuhlala kwiYunivesithi ngo-2019 ivaliwe. Isebe yobunjineli ayikwazi ukulawula indawo yokuhlala. Unokuqhagamshelana nabaphathi beendawo zendawo,okanye uthintane namanqaku okubhengeza ngasese kwi-Intanethi.

I-Ofisi yamazwe ngamazwe e-SU inikezela ngenkonzo ekhethekileyo ejoliswe kubafundi bamazwe ngamazwe, kwaye inika uncedo ekufumaneni indawo yokuhlala yabafundi bamazwe ngamazwe kolu qhagamshelo:

https://www0.sun.ac.za/international/about/accommodation-in-stellenbosch.htmls

Ikhawuleza kangakanani i-intanethi kwi-Campus?

I-Intanethi kwi-LAN inika malunga ne-100mbps kwigumbi lekhompyutha le-FIRGA. Ijubane le-WiFi liphantsi kakhulu.

Ndingayinxulumanisa iSelula yam kwi intanethi ye Yunivesithi?

Ewe, Unokudibanisa ii-cellphone ezinhlanu kwi-akhawunti yakho.

Ngaba kufuneka ndihlawule ukusebenzisa i-intanethi?

Ewe-uhlawula njengoko usebenzisa i-intanethi kwaye intlawulo idibene ne-akhawunti yakho yokufunda. Iindleko ziyahlukahluka ngonyaka ukuya kunyaka. Okwangoku Iingqinisiso zifumaneka apha:

http://rga.sun.ac.za/firga/

Olunye ulwazi malunga nokuprinta nokukopisha, ukufikelela kwi-intanethi, iidilesi ze-Imeyili , WiFi kunye ne IT- imiba enxulumene nayo iyafumaneka:

http://rga.sun.ac.za/firga/
Abafundi (abangahlali eskolweni phakathi") bangakufumana phi ukutya? Isebe Lobunjineli linendawo layo yokutyela ebizwa ngokuba yi "Chalk Board", kodwa i-Neelsie ayikhokude kwisebe lobunjineli, kuya kuthatha imizuzu emihlanu ukuya khona. Enye indawo yokutyela kufuphi nesakhiwo sobunjineli ikhona kwi-"Launch Lab". Ukongezelela, idolophu yaseStellenbosch ineendawo zokutyela ezininzi.
Ngaba ndiza kufuna imoto e-Stellenbosch? Ngaba zikhona indawo zokupaka ngokwaneleyo kwi-campus? IYunivesiti yaseStellenbosch, neendawo ezingqonge i-campus kunye nedolophu zilula kakhulu ukufikelela kuzo ngeenyawo okanye ngebhayisekile, ngoko akunyanzelekanga ubene moto. IYunivesithi inayo ne-shuttle service yamahhala phakathi kweendawo zaseYunivesithi eziphambili, kubandakanya i-Faculty yobunjineli, izixhobo zezemidlalo zeCoetzenburg, isikhungo se-Neelsie, kunye ne-gym yaseunivesithi. Ngokuqhelekileyo idolophu yaseStellenbosch ineengxaki zokupaka. Indawo yokuPaka yabafundi ifumaneka kwi-Faculty yobunjineli. Ukusebenzisa indawo yokupaka ekhuselekileyo kwiSebe lezoBunjineli kufuneka usebenzise i-intanethi kwaye iza ngeendleko. Abafundi bonyaka wokuqala bangafaka isicelo sokupaka. Ukuze ufumane inkcazelo engakumbi malunga nokupaka kwiYunivesithi bona: https://www.sun.ac.za/english/welcome/Pages/Parking.aspx
Ulwazi olukwi phepha le Web lungaphinda lushicilelwe ngesiXhosa